Province of the EASTERN CAPE EDUCATION

# NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

# IBANGA 12

# SEPTEMBA 2022

# ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

# IPHEPHA LOKUQALA (P1)

**AMANQAKU:** **80**

**IXESHA:** **iiyure 2½**

Olu viwo lunamaphepha ali-12.

## IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha lemibuzo linamaCANDELO AMATHATHU angala:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Uvavanyo lokuqonda | (30) |
| ICANDELO B: | Isishwankathelo | (10) |
| ICANDELO C: | Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi | (40) |

2. Phendula YONKE imibuzo.

3. Qala iCANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

4. Krwela umgca ekupheleni kweCANDELO ngalinye.

5. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

6. Shiya umgca emva kwempendulo NGANYE.

7. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

8. Iingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

| | |
|---|---|
| ICANDELO A: | Imizuzu engama-50 |
| ICANDELO B: | Imizuzu engama-20 |
| ICANDELO C: | Imizuzu engama-50 |

9. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

### UMBUZO 1

1.1 Fundisisa esi sicatshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA A**

**AMAHLA NDENYUKA**

1 Impumelelo yinto efunwa ngumntu wonke asinto ilula iyasetyenzelwa yaye ifuna imigudu ebonakalayo. Ayifane imwele nje umntu. Isisiphumo somonde, nokuzingisa, ukuncama nokuzila izinto ezithile eziyolisa ubomi. Impumelelo ifuna umntu athi qwa afumane nawaphi na amathuba anokuvela asingise kwicala lezo nto anga angafikelela kuzo. Enye into ebalulekileyo ekuziseni impumelelo kukuba nenjongo. Umntu onenjongo usoloko esebenza nzima ezama ukuziphuhlisa akhulise umnqweno wakhe de afumane impumelelo. Umntu ongenanjongo ke alaziwa icala aya kulo usuka aduke nje kwinginginya angabinamkhondo.

2 Kuzo zonke iingxaki aphume kuzo uLuwanika akazange aphose iintambo ekuziqhubeleni phambili kwimfundo. Ufumene inkxaso enkulu kwinkosikazi yakhe engazange nayo iyeke ukufunda. Omnye umntu obesoloko emkhuthaza ibe nguDoyle kanti noBiggs ubesoloko embhalela iileta ngecebo lokumkhuthaza. ULuwanika uye akatyhafa wazingisa ezifundweni zakhe nangona wayeneengxaki zobomi, uye waphumelela isidanga esiphezulu seHonours zeB.Com. Sithetha nje upeculula iincwadi zeemasters, umanxada-nxada ukuzixhobisa ngolwazi. Inene imfundo sisibane, ikwasiso nesitshixo. Umntu onayo imvulela iingcango zivaliwe iphinde imenze ahlonitshwe.

3 Uthe ngenxa yemfundo yakhe ephakamileyo wanyuselwa kwinqanaba elingentla emsebenzini wakhe. Ube ngumntu oNtsundu wokuqala ukuxhamla abe kwisikhundla esiphezulu esodlula nabaMhlophe. Le meko imtsalele amehlo ayaginyisa mathe kwabebala, abaMhlophe ukutsho. Imithetho yakudala yayingamvumeli oNtsundu aphathe oMhlophe. AbaNtsudu nabo phofu bekhwina bengavi mnandi tu kwaphela sesi sikhundla abekwe kuso uLuwanika ngabaqeshwa bakhe phofu bona kucaca ukuba baqweqwediswa ngumona. Babephatha kuthi ngumntu otheni lo uze kuphatha apha bekho abantu balapha. Abanye babesithi ukhanda iingcambu kuba akazange umntu omnyama aphathe abeLungu. Naxa kunjalo babekho abayibona iyinto entle le. Babede bathi, kuthiwa mayibuye iAfrika kuthethwa ukuba abantu mabafikelele nakuliphi na iqondo bengathintelwa yimithetho yocalucalulo. Abachase le ntetho bahambise iindaba zokuba umntu ofana noLuwanika ngungcothoza, ofumana isikhundla esiphezulu emsebenzini ngokuhleba esenyelisa abanye. Kude kwavela igama elitsha lokuba umntu onjalo 'yimpimpi.

4 Kuthe ngenye imini iofisi yabo yahanjelwa ngabahloli bezemisebenzi abazizikhulu abathunyelwe ukhuhlola babone ukuba elowo umqeshwa uwenze ngokuchanekileyo umsebenzi wakhe. ULuwanika unconywe ngokukodwa ngendlela awuphethe ngawo umsebenzi wakhe. Le ngxelo iphethe ngokuthi nangona umhle umsebenzi wakhe isikhundla akuso asimfanele kuba kukho abaMhlophe abaphantsi kwakhe. Itsho isithi, makuhlenga-hlengiswe ukuze kunyuselwe abaMhlophe babengentla kuLuwanika. Eyona nto ibe buhlungu yile yokuba kufuneke uLuwanika agobe kumntu onebanga leshumi akuba yena enezidanga zemfundo ephakamileyo. Abanye abasebenzi abaNtsundu bakhe bavungama yile. meko kodwa bavalwe imilomo ngelithi banyola umbuso. Uye wanyanzeleka uLuwanika ukuba azithobe abe ngunobhala womntu ongaphantsi kude le kunaye ngemfundo. Waqonda ke ukuba nangona ezi ndaba bezingabonwabisanga abanye, ziqhwatyelwe izandla ngabaninzi.

5. “Eli nyathelo lifanelekile. Wakha wambona phi umLungu ophethwe **ngoNtsundu?** Qonda kwale nto yokuba o**Ntsundu** akavumeleki ukubamba omhlophe nokuba umbona esiba. Kwakufuneka aye kubiza ipolisa lomLungu lize kubamba lowo wonayo” litshilo elinye igwangqa. Kuze kuthini ke ukuba akade alifumane elo lomLungu? Ubuzile omnye. “Ndithe kuwe umntu omhlophe akaphathwa ngo**Ntsundu**, O**Ntsundu** uphatha owakowabo kuphela.” Kucace mhlophe ukuba uLuwanika yinkcubabuchopho umdak’ongevasepha wendoda eNtsundu**.** Sibe mnandi ke khona isiphelo sakhe ebomini kuba uphela sexolela zonke iintshaba zakhe sele ezinika isonka, eziqesha kwifama yakhe engakhange azibuze izinto ezimbi ababemenze zona. Ukuxolela kuba neziphumo ezivuyisayo nezikhulisa ingqondo yomntu. Zenza ubani abe khaphukhaphu nezinto ezimngqongileyo zityhileke kuye. Mawethu impumelelo ayizi lula iyasetyenzelwa yaye ifuna imigudu ebonakalayo.

[Sicatshulwe kwincwadi, *Nandiweza*; nguMbulelo Nzo; iphepha 96–98 saze sahlelwa]

**Jonga kumhlathi 1.**

1.1.1 Yintoni le ifunwa ngumntu wonke ngokwalo mhlathi? (1)

1.1.2 Caphula igama elinye elisisifanokuthi seli gama ‘imizamo.’ kwisivakalisi sokuqala. (1)

1.1.3 Xela izinto eziMBINI ezisisiphumo sempumelelo. (2)

1.1.4 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo: Umsebenzi wesilabalabi u ‘de’ okumqolo wesi-8 uchaza:

A ukuqweba
B ukugqwesa
C ukugxeka
D ukungxama (1)

**Jonga kumhlathi 2.**

1.1.5 Chaza isizathu sokuba uLuwanika angaziphos'iintambo. (2)

1.1.6 Mfanekiso ngqondweni mni lo uziswa leli gama libhalwe ngqindilili kwesi sivakalisi silandelayo?

Sithetha nje **upeculula** iincwadi zeemasters … (1)

1.1.7 Xela inzuzo efunyanwa ngumntu ofundileyo njengoko zikhankanyiwe kulo mhlathi. (2)

**Jonga kumhlathi 3.**

1.1.8 Nxulumanisa esi sivakalisi silandelayo ngolwazi olufamana kumhlathi wesibini.

Uthe ngenxa yemfundo yakhe ephakamileyo ... (2)

1.1.9 Chaza igalelo lemfundo emsebenzini kaLuwanika. (2)

**Jonga kumhlathi 4.**

1.1.10 Xela iziphumo zabahloli bomsebenzi ngokwalo mhlathi. (2)

1.1.11 Caphula isivakalisi esisesona siveza impixano yangaphakathi kubasebenzi ngemeko kaLuwanika. (2)

**Jonga kumhlathi 5.**

1.1.12 Phawula ngokuphindwaphindwa kwegama elibhalwe ngqindilili kulo mhlathi. (2)


1.1.13 Kunika ngcinga ni oku kubhalwe ngumbhali wale tekisi ngoLawunika kwesi sivakalisi silandelayo? "**Kucace mhlophe ukuba uLuwanika yinkcubabuchopho umdak'ongevasepha wendoda eNtsundu.**" (2)

1.1.14 Ingaba umbhali wale tekisi uphumelele ukubonakalisa ixabiso lemfundo nelobuntu kwesi sicatshulwa? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.2 Funda lo mfanekiso ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO**

**INTSEBENZISWANO NGAMANDLA**




[Ithatyathwe ku-dreamstime.com]

1.2.1 Kwahluke njani okwenzeka kumgca woku-1 kowesi-2? (2)

1.2.2 Chaza uvakalelo lwabantu abasemfanekisweni. Xhasa impendulo yakho. (2)

1.2.3 Bhala umyalezo oziswa ngulo mfanekiso. (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: ISISHWANKATHELO

### UMBUZO 2

Isicatshulwa C esingezantsi simalunga nendlela yokubhala i-imeyile.

Funda esi sicatshulwa silandelayo, wandule **usishwankathele ngokuthi unike indlela yokubhala i-imeyile ngokusemgangathweni**. Shwankathela ngokwemo yokudwelisa iingongoma. Landela le miyalelo xa ushwankathela.

1. Bhala isishwankankathelo sibe kwimo yeengongoma ungadluli kumagama angama-70.
2. Nombola izivakalisi zakho ukusuka ku-1 ukuya ku-7.
3. Sebenzisa izivakalisi ezipheleleyo ukubhala iingongoma.
4. Sebenzisa AMAZWI AKHO kangangoko unako.
5. Bhala inani lamagama owasebenzisileyo kwizibiyeli ekupheleni kwesishwankathelo.

### ISICATSHULWA C

**I-IMEYILE**

I-imeyile yimbalelwano ebhalwa kwikhompyutha ze ithunyelwe kwangayo. Injongo yayo ikukuthumela umyalezo nolwazi. I-imeyile etiquette yindlela esigcina ngayo ithoni ehloniphekileyo, efanelekileyo kunye neyobuchule kumxholo we-imeyile. Oku kuquka ukusebenzisa upelo oluchanekileyo kunye nolwimi olusemxholweni. Nazi ke iindlela zokubhala i-imeyile echanekileyo nesemgangathweni.

Qiniseka ukuba usebenzisa idilesi ye-imeyile echanekileyo yalowo umthumelela umyalezo. Xa wenze njalo kwasekuqaleni wophawula ukuba umyalezo wakho uyakufika apho uyakhona awusayi kuxinga. Usenokunyathelisa iidilesi zei-meyile zabanye abantu xa ngaba le imeyile ithunyelwa kwiqela. Le yindlela yokuzikhusela ungabonakali ushiyelela abanye, ze kubekho izikhalazo zokungawufumani umyalezo.

Bulisa ngokuchanekileyo ngokusebenzisa ulwimi olusemxholweni kulowo umthumelelayo, kuba i-imeile iziindidi ezimbini, kukho esesikweni nengekho sesikweni. Qala kwaye ugqibezele ngezibuliso zobungcali zalowo umthumela umyalezo. Bhala cacileyo umongo/umxholo we-imeyile ukuze lowo uthunyelelweyo awazi kakuhle umxholo womyalezo. Umxholo ubaluleke kakhulu xa ubani ethumela umyalezo. Qinisekisa ukuba usebenzisa upelo oluchanekileyo, igrama, kunye neziphumlisi kuyo yonke i-imeyile ngoncedo lolukhangela upelo oluchanekileyo (*ispell check*).

Zimisele ukuyifunda kabini nakathathu phambi kokuba uyithumele ukuhlela upelo, igrama, iziphumlisi kunye nomxholo we-imeyile. Sebenzisa ithoni yobungcali yalo umthumela umyalezo khon'ukuze ifundeke kakuhle yamkeleke kumthunyelwa. Kuphephe ukusebenzisa ikhowudi zeintanethi, ii-emoji, kunye neefonti eziphazamisayo ezinokubonisa umfanekiso ongafanelekanga kuba zingawulahla umxholo womyalezo ngamanye amaxesha. Sebenzisa isiphelo esichanekileyo ngokuxhomekeka kulowo ubhalelwa umyalezo. Sona isiphelo sitolika ukwazana nokusondelelana nalo ubhalelwayo, siya kwahluka ngokomxholo womcimbi obhalelwayo. Bhala igama lakho ukuze icace ukuba isuka kuwe yonke le mbalelwano yale imeyile.

[Sicatshulwe kuwww.studentachievementcentre.com saze saguqulelwa esiXhoseni]


**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

## ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

### UMBUZO 3: ISIBHENGEZO-NTENGISO

Funda esi sibhengezo-ntengiso uze uphendule imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA D




[*Sithatyathwe* *kuaerosolsanitiser.com* *saze sahlelwa*]

3.1 Xela igama lemveliso ethengiswa kule ntengiso. (1)

3.2 Lityhila ntoni eli binzana ‘rhoqo’ uyisebenzisa‘ kwesi sibhengezo? (2)

3.3 Khetha impendulo engachanekanga ngokusetyenziswa kwesi sifanekisozwi ‘waca’ esikule ntengiso kwezi zingezantsi.

A Ziyakhula iintsholongwane.
B Ziyaphela iintsholongwane.
C Ziyaduma iintsholongwane.
D Ziyazula iintsholongwane. (1)

3.4 Ungenza njani xa unomnqweno wokuthenga le mveliso ingentla?

Xela iindlela zibeMBINI. (2)

3.5 Caphula igama elibonakalisa ukubanga elisetyenzisiweyo kule ntengiso. (1)

3.6 Chaza umsebenzi wokuphindwaphindwa kweli gama dr.R kule ntengiso. (1)

3.7 Ucinga ukuba lomfanekiso kagqirha ulumelo oluchanekileyo kule ntengiso? Xhasa impendulo yakho. (2)

**[10]**

## UMBUZO 4: IKHATHUNI

Funda le khathuni uze uphendule imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA E




[Ithathwe kusuccesspictures.com yaze yahlelwa]

4.1 Uphawo olubhalwe ecaleni komntu okwisakhelo 1, lunika eyiphi ingcinga? (1)

4.2 Bhala isifinyezi seli gama ugqirha. (1)

4.3 Ngqina ukuba umbulelo ucala nye kule khathuni. (1)

4.4 Chaza umahluko kwimvakalelo ekwisakhelo sesi-2 nesakhelo sesi-4. (2)

4.5 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo. I-ilepsisi ibonakaliswe ngoluphi uphawu kwisakhelo sesine.

A Ngekoma.
B Ngamachaphaza.
C Ngesingxi.
D Ngechaphaza. (1)

4.6 Sizathu sini esinokubangela ukuba ukhethe ukuba ngumzali okwisakhelo sesi-3? Xhasa impendulo yakho. (2)

4.7 Ingaba isenzo sokungxoliswa ngokukhunjuzwa ngomnqweno wakho ebomini siphumelele kule khathuni? (2)

**[10]**

## UMBUZO 5: PROZI

5.1 Funda esi sicatshulwa uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA F**

**HAMBA NAM NDIPHELEKE**

Kulungile ke mandicele ummelwane akukhaphe ingekaqini imini. Beka apha ezo mphahla. Uzimisele ukujika nini mhlekazi? Mfo waseMavundleni uthetha ukuba unebango kwaba bantwana? Ngabantwana bam, kuba usisi akakho. Ndim owayesihla esenyuka exova eqeqesha ndincedisa uSis' Nomanani. Xa litshonayo ngoku ilanga uzibona ukuba uzele, unabantwana. Khawuhambe wethu nanku ummelwane efika. Into endakusuka ndiyenze kukuya kuqhekeza **elaa** qhaga lwala ndlu.

Ungamazi khona xa unokumbona uMhizana? Hee! Izinto zimanukwenzeka wayekhe wandilumkisa ke udade ngezinto zomhlaba. Umhlaba unento zawo ndikufungisa umma! Umntu unzima kanene.

[Sithatyathwe kwincadi kaN.E. Buzani '*Hamba Nam Ndipheleke*' Iphepha lama 136–137]

5.1.1 Nika isininzi sesi sibizo 'ummelwane'. (1)

5.1.2 Bhala esi sivakalisi singezantsi ngendlela echanekileyo ngokwemigaqo yokubhala.

Beka apha ezo mphahla. (2)

5.1.3 Chonga isibanjalo uze uxele nodidi lwaso kwesi sivakalisi singezantsi.

Mfo waseMavundleni uthetha ukuba unebango kwaba bantwana? (2)

5.1.4 Sibhekiselele kubani isakhi esikrwelewe umgca ngaphantsi kwesi sivakalisi silandelayo.

Ndim owayesihla esenyuka exova eqeqesha ... (2)

5.1.5 Chonga isenzi esikuhlobo lokukhankanya kwesi sivakalisi silandelayo.

Uzimisele ukujika nini mhlekazi. (1)

5.1.6 Nika umsebenzi wesimamva u'kazi' kwesi sibizi ' Mhlekazi'. (2)

5.1.7 Chonga isichazi uze uxelele udidi lwaso kwesi sivakalisi silandelayo.

Ngabantwana bam, kuba usisi akakho. (2)

5.1.8 Esi sikhombisi u'**elaa**' ... sisetyenziselwe ukubonisa isikhombisi esikudidi ...: Khetha ibeNYE kwezi zilandelayo ...

A lokuqala.
B lwesithathu.
C lwesithandathu.
D lwesibini. (1)


5.1.9 Tyumba isikhuzo esisetyenziswe kwisivakalisi esilandelayo.

Hee! Izinto zimanukwenzeka wayekhe wandilumkisa ke udade ngezinto zomhlaba. (1)

5.2 **UMFANEKISO**

Jonga lo mfanekiso uze uphendule imibuzo esekwe kuwo**.**

**ISICATSHULWA G**




[Uthathwe kuwww.fulcrum.rock.com waze wahlelwa]

5.2.1 Bhala kwakhona esi sivakalisi silandelayo usebenzise igama elikwizibiyeli libe sisibizo esichanekileyo.

(Ukuphumelela) isentabeni. (1)

5.2.2 Yakha isivakalisi sibe kwixesha elizayo ngokubona emfanekisweni. Cwangcisa impendulo yakho ngolu hlobo:

| Injongosenzi | Isenzi | Intloko |
|---|---|---|

(3)

5.2.3 Fakela isimaphambili esichanekileyo kumagama akwizibiyeli.

(..-fana) ubonisa (..-ntu)) indlela eya empumelelweni. (2)
**[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 40**
**AMANQAKU EWONKE: 80**